# Yintoni Ukuthwala?



**Ukuthwala luhlobo oluthile lokuxhwila umntu olubandakanya ukuthimba intombazana okanye intombi ithinjwa yindoda nangabahlobo bayo okanye iintanga zayo ngenjongo yokunyanzela abantu bakowalo ntombazana okanye bakowalo ntombi ukuba bavume ukuyendisa.**

**INDLELA EKUQHUTYWA NGAYO UKUTHWALA KULE MIHLA**

**Namhlanje ukuthwala kuqhutywa ngeendlela ezingafaniyo neyamandulo kuba kusetyenziswa ugonyamelo kudlwengulwe nokudlwengula.**

## UKUTHWALWA KUBA NASIPHI ISIPHUMO KUMNTWANA OYINTOMBAZANA?

**EMPILWENI:** ingenwa zizifo ezinjengeHIV/AIDS nazezinye izifo eziyelele apho.

**ILUNGELO LOKUBA NABANTWANA:** Ukulala umntwana kunokumbek' emngciphekweni wokusulelwa yiHIV nazezinye izifo ezifumaneka ngesondo kuze kunyhashe ilungelo lakhe

**LOKUZALA. EKUZALENI:** Kusengabakho ubunzima ngexesha lokukhulelwa nasekuzaleni kwaye abe semngciphekweni wokufa ngenxa yobu bunzima.

**KWIMFUNDO:** Ukuphuma esikolweni engagqibanga ukufunda.

**UKUNGALINGANI NABESINYE ISINI:** Kuqhubela phambili ukungalingani phakathi kwamantombazana namakhwenkwe kwaye kunciphisa amathuba okuba nekamva eliqaqambileyo.

**UKWENZIWA UMNTU OMDALA NGAPHAMBI KWEXESHA:** Kwakhona kusenokuba neziphumo ezibi ngoku nakwixesha elide elizayo kwintombazana kwiimvakalelo nasengqondweni kuba inyanzelwa ukuba ibe ngumama okanye inkosikazi isengumntwana.

## UMTHETHO UWAKHUSELA NJANI AMAXHOBA OKUTHWALWA?

1. IRecognition of Customary Marriages Act ithi iminyaka yobudala yokuvuma ngokwakho ukutshata yiminyaka eli-18
2. IPrevention and Combating of Trafficking in Persons Act ithi makubekho isohlwayo xa kwendiswe umntu ngenkani

## ICRIMINAL LAW (SEXUAL OFFENCES AND RELATED MATTERS AMENDMENT ACT 32 KA-2007 ITHI MAYELA

**NOKUDLWENGULA:** Xa indoda ilala intombazana engaphantsi kweminyaka eli-12 iyadlwengula kuba iselula kakhulu ukuba kungathiwa ivumile. Xa indoda ilala intombazana eminyaka iphakathi kwe-12 ne-16 iyadlwengula ngokokutsho komthetho wepalamente enoba ivumile okanye ayivumanga. Ukuba indoda ilala intombazana eminyaka ingaphezu kwe-16, ingavumanga, iyadlwengula.

**MAYELA NOKWENZA ISENZO ESILINYALA:** lo Mthetho uyakwalela ukwenza amalungu esini athintane, okanye ukwenza ilungu lesini lithintane nendutsu yentombazana, okanye lithintane namabele entombazana okanye lithintane nayo nayiphi na indawo emzimbeni ngenjongo yokulifaka okanye yokuvus' inkanuko. Nayiphi na indoda eyenza isenzo esilinyala kwintombazana exhwiliweyo inetyala lokwenza isenzo esilinyala.



**MAYELA NOKUXHATSHAZWA NGOKWESONDO:** xa umntu ehlawula omnye umntu obudala bungaphantsi kweminyaka eli-18 emhlawulela ukulala naye, nkqu nokuba akadanga alale naye, waphul' umthetho. Abazali bomntwana okanye umntu ononophela umntwana othi abe nenxaxheba okanye avumele ukuthwalwa komntwana oyintombazana okanye angakuxeli emapoliseni, anagabekwa ityala lokuxhaphaza ngokwesondo. Ngoko ke umzali akanakwamkela ikhazi lentombazana ethwaliweyo.

# Apho Unokukubika Khona Ukuthwalwa

Kwisikhulula samapolisa esikufuphi

kwititshala

kunontlalontle

kumntu ophetheyo ekuhlaleni

kumntu ophetheyo ecaweni

nakuye nawuphi na umntu othembekileyo


the doj & cd

Department:
Justice and Constitutional Development
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Department of Justice and Constitutional Development
Gender Directorate
Tel: 012 315 1670 / 012 315 1111
Private Bag X81, Pretoria, 0001
www.justice.gov.za


Issued 2015